URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Vumile Nyalashe**
ICandelo lezoPhando
Vumile.Nyalashe@westerncape.gov.za | 021 467 9350

Inombolo yefayili: 12/2/3
Isalathiso: 20240313-2442

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lezoPhando: 0002/2024

Iya: KwiiNqununu zezikolo ezizimeleyo

*Isishwankathelo esifutshane: IiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni zangowama-2024 kwizikolo ezizimeleyo*

**Isihloko: IiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni zangowama-2024 kwizikolo ezizimeleyo**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe *iWCED*) sele kulithuba liqhuba iimvavanyo zenkqubo yemfundo kwiiLwimi nakwiMathematika kubafundi bamaBakala 3 nele-6 ukususela ngowama-2002. Iprogram yeeMvavanyo zeNkqubo yeMfundo yeSebe *iWCED* yaye yanatyiselwa kwiBakala 9 ngowama-2010. Iziphumo zinceda izikolo ekuqapheleni iinkalo ezisafuna ukuphuculwa kwanokuba iSebe *iWCED* liqaphele iinkalo zekharityhulam ezifuna inkxaso engaphezulu.

2. Izikolo ezizimeleyo zazicelwe ukuba zithathe inxaxheba kwiprogram yovavanyo ukususela ngowama-2010.

3. Izikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali kufuneka zithathe inxaxheba lo gama izikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali ziyithatha inxaxheba zakuba zona ziceliwe.

4. Le ngcaciso imfutshane isebenza njengesicelo esisemthethweni esiya kuzo zonke izikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali, sokuba zithathe inxaxheba kwiimvavanyo zenkqubo yemfundo yeSebe *iWCED* ngowama-2024.

5. Ezi mvavanyo ziqhutywa ngababoneleli-nkonzo abazimeleyo abaqeshwe liSebe *iWCED*.

6. Kucelwa ukuba niqwalasele ezi nkcukacha zilandelayo zeemvavanyo zowama-2024:

   - Ukuthatha inxaxheba, isikolo masibe nabafundi abali-10 ubuncinane kwibakala ngalinye lamabakala aza kuvavanywa.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

- Uvavanyo luya kuqala ngowe-**02 Oktobha 2024**
- Isikolo sakho siya kufumana ileta eyazisa ngomhla wovavanyo esuka kwiSebe i*WCED*.
- Iimvavanyo ziya kucwangciselwa usuku olunye kwisikolo ngasinye.
- Abafundi beBakala 3 baya kuvavanywa ngoLwimi lokuFundisa nokuFunda (*Language of Learning and Teaching* (*LoLT*) lwesikolo (ngesiNgesi, ngesi-Afrikansi okanye ngesiXhosa)) nakwiMathematika.
- Abafundi bamaBakala 6 nele-9 baya kuvavanywa nge-*LoLT* yesikolo (isiNgesi okanye isi-Afrikansi) nakwiMathematika.
- Amanqaku okupasa zonke iimvavanyo ngu-50%.
- Iingxelo zezikolo ziya kunikwa zonke izikolo.
- Ukuba isikolo sakho siye sanomdla ekuthatheni inxaxheba, kucelwa ukuba uzalise le fom iqhotyoshelweyo uyithumele kuMnu Vumile Nyalashe kule nombolo yefeksi: 086 555 3955 okanye uyithumele nge-imeyili apha vumile.nyalashe@westerncape.gov.za ungadlulanga **owe-10 Meyi 2024**.

- Kwakhona, makuqinisekiswe ukuba iinkcukacha zabo bonke abafundi abakumaBakala 3, 6 nele-9, zifakwa kwisistim i-*CEMIS* **ungadlulanga owama-26 Julayi 2024**.

7. ISebe i*WCED* lijonge ngethemba ekuthatheni inxaxheba kwezikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali kwiimvavanyo zenkqubo yemfundo yeSebe i*WCED* ngowama-2024 ukwenzela amaBakala 3, 6 nele-9.

**ISAYINWE**: NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-03-26